Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

SEPTEMBA 2024

P.O. Box 20 Hermanus 7200

Hermanus	028 313 8000
Gansbaai-Stanford	028 384 8300
Kleinmond	028 271 8400

24/7 Municipal Emergencies:

Basic Services	028 313 8111
Fire & Rescue	028 312 2400

Bulletin

#overstrand4all *Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni* #C4ourself

UBUME BOLAWULO KWIZIKO OBUHLAZIWEYO

NgoFebhuwari wonyaka wama-2024 IBhunga liphumeze ubume obutshaobuhlaziweyo, bolawulo kwiziko. Le nguqu ivumela uMasipala wase-Overstrand ukuba kuphinde kuqwalaselwe kuphinde kuyilwe i-organogram ngokuhambelana ngokweemfuno zemithetho, kungabonelelwa nje kuphela ubonelelo ngeenkonzo, kodwa kodwa kukwajongwe ekuphuculeni olo bonelelo nokuqhubekeka kusenziwa imisebenzi. Njengoko kungqinisisiwe kwamkelwa liziko eliphangaleleyo loMasipala wase-Overstrand,imisebenzi kamasipala kwixa elizayo, iza kuba phantsi kwala macandelo olawulo asixhenxe (hayi amathandathu) Le nguqu inkulu kangaka idalwe kukupheliswa kwecandelo lolawulo elalikade likho elezoqoqosho kunye nophuhliso lwezentlalo kwaze kwangeniswa ICandelo lezoLawulo lweeNkonzo EzisisiSeko kwaneCandelo lezoLawulo loCwangciso noPhuhliso Ngethuba lokuphunyezwa kobume obutsha besakheko secandelo eliphezulu, uSodolophu wesiGqeba, uGqr. u-Annelie Rabie uyivezile Into yokuba esi siphumo sidale le organogram, luxwebhu oluphilileyo oluza kudaleka yaye lucikizwe njengoko naxa kutshintshwa/kuguqulwa iimfuno zokusebenza.

Nasi ke isishwankathelo esifutshane seenguqulelo ezibalulekileyo yemisebenzi ebalulekileyo (ukuba ikho yecandelo lolawulo ngalinye:

- **IINKONZO ZEZIKO**
  - Akukho zinguqu zinkulu ngaphandle kokusiwa kwezinye iinndawo kweminye Imisebenzi kwi-ofisi yoMphathi kaMasipala.
- **IINKONZO ZEZIMALI**
  - Akukho zinguqu zinkulu ngaphandle nje kokuba izithuthi zezolawulo (*fleet management*) kwixa elizayo ziza kuba phantsi kolu candelo lolawulo.
- **INKONZO EZISISISEKO**
  - Iinguqu ezibalulekileyo zibandakanya ukukhutshelwa kwelinye icala kweenkonzo zokusetyenziswa (oko kukuthi amanzi, amanzi ezikhukhula neendlela) zisuswa kwiCandelo leeNkonzo zoLuntu zisiwa kweli Candelo litsha neliqaliswayo.
- **UCWANGCISO NOPHUHLISO**
  - Kwixa elininzi, yonke imisebenzi ebikade iphantsi "kwezoqoqosho nophuhliso loluntu" ngoku iza kuba phantsi kweli candelo lolawulo. Okunxaxhileyo kukuba ipothfoliyo "yezokhenketho" yona kwixa elizayo iya kuba phantsi kolawulo lwe-Ofisi yoMphathi kaMasipala.
- **UKHUSELEKO LOLUNTU LUKAMASIPALA**
  - Ngaphambili eli belisaziwa "njengeenkozno zezokhuseleko", Imisebenzi yecandelo lolu lawulo isemi ngolu hlobo, ayitshintshanga.
- **IINKONZO ZOLUNTU**
  - Ngaphandle nje kokuguqu-guqula Iinkonzo zokusebenza ezikwiCandelo loLawulo leeNkonzo Ezisisiseko, akukho zinguqu zichaphazelayo zenziweyo.
- **I-OFISI YOMPHATHI KAMASIPALA**
  - Ngokunikeza eminye imisebenzi ebikade iphantsi kweCndelo loLawulo lweeNkonzo zezZiko kwakunye neleCandelo loLawulo lweeNkonzo zoLuntu isenziwa ngoku yile ofisi, kulindeleke ukuba uMasipala wase-Ovestrand abe kwimeko entle nebhetele ekuzalisekeni limfanelo ngokuphathelele kulawulo nokubeka Iliso.

IINKONZO ZEZIKO	IINKONZO ZEZIMALI	IINKONZO EZISISISEKO	UCWANGCISO NOPHUHLISO	UKHUSELEKO LOLUNTU LUKAMASIPALA	IINKONZO ZOLUNTU	I-OFISI YOMPHATHI KAMASIPALA
UMlawuli: Desireé Arrison	CFO: ISITHUBA SIZE	INJINELI EYINTLOKO UCWANGCISO: STEPHEN MÜLLER	UMLAWULI: ISITHUBA SIZE	UMLAWULI: NEVILLE MICHAELS	UMLAWULI: SEON SWARTZ	UMPHATHI KAMASIPAL: DR DEAN O'NEILL
Ulawulo LoMngcipheko Icandelo labasebenzi ICT UbuNgcali kwezoShishino kunye NoNxulumano olujongene nabasebenzisi- nkonzo IiNkonzo zezeNkxaso kwezoLawulo INkundla yamaTyala kaMasipala	Ucalulo-Mali ULawulo LweNgeniso INkcitho ULawulo lwezithuthi neMpahla IBhodi engeyoLawulo loBonelelo ngeNkonzo yokuthenga	UCwangciso lobuNjineli boLwakhiwo IiNkonzo zobuNjineli boLwakhiwo ImiSebenzi yezoMbane kunye Nonophelo IYunithi ejongene noLawulo lweeProjekthi	UCwangciso lweDolophu noMhlaba ongamabala ULawulo lokusiNgqongileyo ULawulo lezoKwakha IiNkonzo zeMeko yezeNtlalo noQoqosho ULawulo lwePropati	IiNkonzo zemigaqo yezendlela UNyanzeliso lwezoMthettho Ulawulo lweMililo, uHlangulo neNtlekele UKhuseleko, uKhuselo ne-CCTV	iiPaki, Ulonwabo, Amangcwaba NoThutho lweNkunkuma Ukuhlaliswa koLuntu ngokuHlanganisiweyo noPhuhliso Izakhiwo/Izixhobo, AmaHolo nokuLungiswa kweZaKhiwo	IiNkonzo zeNkxaso kwisiCwangciso-qhinga IiNkonzo zezeMithetho noLawulo lweKontrakhthi UPhicotho- zincwadi lwangaphakathi IYunithi yezoNyulo

UMboniso wezeNtyatyambo eStanford

"Isibhengezo sokuba iTIME Magazine ikhethe Igalari yezobugcisa neyaziwa ngokuba yi-Hannarie Wenhold Botanical Art Gallery nehlaisa iGrootbos Florilegium njengeyona Ndawo INkulu eHlabathini kunyaka wama-2024 (World's Greatest Places for 2024) oku kwenzeke ngelona thuba lakhe langcono," utshilo umququzeleli woMbutho **weCHELSEA FLOWERS ESTANFORD**, uGqr. u-Annelie Rabie, uSodolophu wesiGqeba wase-Overstrand.

"Oku kunakanwa kulolu hlabo nokukhulu kangaka, akubetheleli nje kuphela igalelo elikhulu elenziwe sisiSeko esaziwa ngokuba yiGrootbos Foundation sokugcina nokulondoloza iintyatyambo zamhlamnene ezizodwa, kodwa ngokuqinisekileyo kuya kuvuelela umdla kulo mboniso kanye ngokomfanekiso wendlela yokugqwesa nempumelelo yokuzuza Imbasa yegolide koMzantsi Afrika kulo mboniso wezentyatyambo nowaziwa njenge - RHS Chelsea Flower Show eLondon ebutsheni balo unyaka kwakhona wanikwa Isithsaba esaziwa njenge - '*Best exhibit in the Pavilion' and 'Best New Design*', wongeze watsho uSodolophu. **UMboniso weNtyatyambo owaziwa njenge-CHELSEA FLOWERS IN STANFORD** uya kuvuleleka kuwonke-wonke kule dilesi: 32 Queen Victoria Street ukususela kowama- **21 kuSeptemba ukuya kutsho kumhla wesi- 6 ku-Oktobha ka- 2024.** Ukongezelela kuhlobo neendidi ezinqabileyo, umboniso wezobugcisa nowaziwa nje- Grootbos Florilegium (Ingqokelela eyodwa neyabucala yobugcisa yezityalo zefynbos (fynbos botanical artworks) nawo uya kuba usenziwa.

AmaTikithi anokuthengwa kwaWebtickets ngexabiso le- R175 umntu ngamnye. okanye ngama- R200 umntu ngamnye emnyango.

Ukuziqhelanisa Neemfanelo Kunye Namagunya Kamasipala

UMBANE

IIMFANELO NAMAGUNYA KAMASIPALA

NgokoMgaqo-Siseko, umbane ligunya likamasipala yaye oomasipala banelayisensi yokuwuthengisa umbane kubasebenzisi-nkonzo kwimimandla yabo yolawulo Apha ekuhlaleni, uMasipala wase-Overstrand nguye onoxanduva lokubonelela ngombane nokuwufakela kuMmandla omKhulu waseHermanus, iHawston, iGansbaai, iKleinmond nommandla waseStanford. Yonke eminye imimandla Ibonelelwa ngabakwa- Eskom

Njengoko sisazi ukuba ubonelelo oluthe gqolo lombane owaneleyo namandla ombane zibalulekile kukhuliso nophuhliso lwe-njengo ngugunyaziwe wengingqi yase-Overstrand sinesibophelelo sokubonelela ngeenkonzo zekwalithi kubahlali kwimimandla esalathelwe kuyo, kubandakanya ukwandiswa kwezo nkonzo kubantu abathe ukuza kuthi ga ngoku, bengekafikeleli kulo nkonzo.

Ukuzalisekisa le njongo nokufikelela kuyo, senza konke okusemandleni ukuqinisekisa ukuba wonke ubani, oku kungaxhokekanga kwimeko yakhe yezimali, uyafikekelela ekuzuzeni umbane othembakeleyo nokumgangatho owamkelekileyo kuzwelonke

Nakubeni i-Overstrand ixhomekeke kubonelelo lombane ngabakwa- Eskom, luxanduva lukamasipala -

- Ukucwangcisa, ukuyila nokujonga ubonelelo ngombane;
- Ukuqinisekisa ukumenteshwa nokubala ukusetyenziswa kombane ngabasebenzisi -nkonzo kwakhona
- Ukwazisa ngeendlela ezizezinye zemithombo yezamandla ngenjongo yokuqinisekisa ukugcina ukuba isoloko ikhona yaye ingapheli kwilixa elizayo.

NEENDLEKO EZIFANELEKILEYO ZOBONELELO NGEENKONZO

AboLawulo loMbane kaZwelonke eMzantsi Afrika (NERSA) uvumelene nento yokuba ukuba oogunyaziwe beengingqi abaneelasensi zokuthengisa umbane kubanzisi bawo bafuna benokuphila, mabanikwe amathuba okuyifumana Indleko efanelekileyo yokuyizuza Inkcitho/Indleko yokubonelela ngaloo nkonzo, kwakunye nengenelo efanenekileyo.

Imfuneko, kambe, yeyokuba Iilayisenisi mazenze uphando ngokubanzi lubonelela ngexabiso lokubonelela njengoko kumiselwe ngabakwaNERSA.

Emva kokuba belwenzile olu phando, I-Overstrand kunja nje Iye yamisela Isigaba sokuqala sikamasipala seentlawulo ezibonisa Ixabiso neendleko. La mazabiso matsha aqaliswa ukususela ngomhla. woku- 1 kuJulayi wama- 2024 yaye ubandakanya bonke abathengi abakumandla kaMasipala ophakathi kwemida kaMasipala wase-Overstand ababonelelwa ngombane.

NAMAXABISO ALUNGELELANISIWEYO OMBANE

Ukususela ngomhla woku-1 kuJulayi wonyaka wama- 2024, amatyala ombane adibanisa imiba emithathu njengoko abakwa-NERSA begqibe koko :Intlawulo yenyanga esisiseko, Intlawulo yomthamo wombane kunye nendleko zombane (kWh).

Qaphela ukuba okwakaloku nje indleko zenyanga zokusebenzisa umbane zisabalwa ngokokunyuka kwamaxabiso entlawulo yebloko neyaziwa njengexabiso lokunyuka kwebloko.konke oku kuchaziwe kwincwadi echaza indlela yesikhokelo, nefumaneka kwiwebhusayithi kamasipala.

Intlawulo esisiseko yenyanga yenzelwa ukuquka iindleko zokukugcina usoloko unxibelelene uqhagamshelene/unothungelwano nombane kungakhathaliseki nokuba uesbenzisa umbane ongakananina. Intlawulo esisiseko lungiselelwe ukunonophela uqhagamshelwano lwakho lwenkonzo,ukuhlawula imali eyinkunzi ethe yatyalwa, ubonelelo lwentlawulo yemivuzo kwakunye nezinye iindleko ezizezinye nezingangqamananga nesixa-mali sokusetyenziswa kombane. Zonke iziza ezikummandla wase-Overstrand ezibonelelwa ngombane, zihlawula ngenyanga nganye imali esisiseko yombane ngenjongo yokwabelana ngokulinganayo ngabasebenzisi bebonke.

Intlawulo engumthamo, ibhekisa kumthamo obekelwe bucala ngumasipala yaye yaziwa njengobukhulu bonxibelelwano ukulungiselela ipropathi yakho ngoku Inokuba nobukhulu obuyi - 30 amp, 40 amp, 50 amp kanye I- 60 amp.

Kokukhona lihlile izinga lee-amp, kukwanjalo nokucutheka kwenani lezixhoba zombane ezinokusetyenziswa ngaxesha linye kusetyenziso lawo. nto leyo ichaz ulawulo olubhetele kulawulo losetyenziso lombane ngumzi ngamnye ze kuhle nentlawulo yakho yombane kanjalo.

NEMITHA YOMBANE

UMasipala ukubeke emgangathweni ukufakelwa kweemitha ezilungiselelwe ukuqala uhlawule phambi kokuwusebenzisa umbane (pre-payment meters) kubasebenzisi bombane emakhaya/ezindlwini. Ngenxa yoko sisinyanzelo ukuba kuko konke ukufakelwa kombane ezindlwini, kufakelwe iimitha zombane ezaziwa njenge- pre-payment).

Kambe i-Overstrand inezintlobo zilandelayo zee-mitha:

- **Credit meter systems** – Abasebenzisi babonelwa ngokuzingisileyo ngombane ukuze bahlawule ngenyanga ngokowusebenzisa kwabo okanye ngoqikelelo lokusewusebenzisa kwabo.
- **Prepaid meter systems** – Abasebenzisi kulindeleke bawuthenge umbane phambi kokuwusebenzisa, ngohlobo abenza ngalo ukuhlawulela umoya kwiselula.

ZOKUDIBANISA

Bonke abahlali abangabasebenzisi bombane oqala uhlawulelwe phambi kokuwusebezisa, bewubonelelwa nguMasipala wase- Overstrand, abanobukhulu (abanesayizi) ebukhulu bayo bungaphezulu kuma- 30 Amp, baza kunikwa ithuba lokuyitshintsha isayizi yokudibanisa ibe ngama- 30 ee-Amp,ama- 40ee- Amp,ama- 50 ee-Amp okanye ama- 60 Amp. aba basebenzisi baya kuvunyelwa ukuba bayitshintshe isayizi yokudibanisa ngaphandle kwentlawulo, kunyaka-mali ka-2024/25. Ubukhulu besayizi yokudibanisa akuqingqi/akunyini inani leeyunithi ezinokusetyenziswa kodwa kunegalelo kwinani lezixhobo zombane (appliances) ezinokuqhagamshelwa ze zisetyenziswe ngaxesha-linye. Isayizi yokudibanisa inegalelo elithe ngqo kwixabiso lokuhlawulwa eliza kusekwa kwixa elizayo ngokuhambelana nokuqaliswa nentlawulo yobukhulu eza kwenziwa ngumasipala, ntlawulo ezo ezihambelana nokubonisa -ixabiso lokusebenzisa, eliqalwe ukususela ngomhla woku- 1 kuJulayi wama-2024. ***Abasebenzisi bombane abawuhlawula ngenyanag*** nabo banokulisebenzisa eli thuba ekutshintsheni ubukhulu besayizi yokudibanisa kwabo, oku kuxhomekeke ekubeni baguqukele ekuwuthengeni kuqala umbane, phambi kokuwusebenzisa Qaphela ukuba amathuba okutshintsha ubukhulu bokudibanisa kwakho,kuya kuqhubekeka de kuwelele ngaphaya kwalo nyaka mali umiyo, oku kuxhomekeke kumagunya nemiqathango. Qaphela kwakhona ukuba ezi nguqu zokutshintsha kobukhulu azenziwa kwiziza ezingokhiwanga kwaye zingenziwa kwaabo bamivuzo iphantsi, abangathathi ntweni okanye kwiindawana ezincinane ezinodibaniso olungephi. Ukugqiba ekuthatheni isigqibo sokudibanisa ngokobukhulu obuchanekileyo oku ulungiselela indlu okanye ishishini bungayinto etyhafisayo.Ukuncedisa abasebenzisi ekuthatheni Isigqibo esifanelekileyo, khangela kwiwebbhusayithi kamas pala kumba othi '*How to Guide*' on the municipal website > documents > electricity.

UKUHLAWULWA KWAMATYALA / II-AKHAWUNTI

Qinisekisisa ngomfumani-mali

Siye saqwalasela ukuba abanye babarhafi bathi ngempazamo bachonge i-"*Overberg District Municipality*" endaweni ye-**Overstrand Municipality** kuluhlu lwabahlawulwa xa bedwelisa/ bebhala uluhlu lwamabahlawulwe.

La ngamasebe awahlukeneyo yaye ukuba uthe wahlawula elingachanekanga ityala lakho kumasipala liya kusoloko lisemva/ uya kusoloko unetyala.

Sisebenzisa ezine li-akhawunti zebhanki:

- inye eyezinto ezilunceda oko kukuthi Intlawulo zobuhlali neerhafu (i.e. rates and taxes),
- inye eyentlawulo ngokubanzi/eziphangaleleyo umz. eyokuhlaziya Ilayisensi,
- inye eyozohlwayo zokutyeshela Imigaqo yezendlela,
- Inye eyokuhlawulela Indawo yokuhlala Onrus Caravan Park

Sikhuthaza wonke ubani osebenzisa i-EFT ukuba xa esenza intlawulo / ehlawula Ityala lakhe, acime umamkeli omdala / abamkeli abadala (old recipient(s) kwi-app yebhanki yakhe. Intsebenziswano nokubambisana kuqinisekiso ncakasana lokuba wena (a) ukhethe umamkeli ochanekileyo ongulo: **(Overstrand Municipality)** yaye (b) sakuyivuyela **Inombolo echanekielyo ye-akhawunti yakho** Kwakhona, nceda uqinisekise ngokubhala isixa semali esichanekileyo nenombolo esisalathiso, xa uhlawula ngokusebenzisa I- EFT.

Qaphela ukuba linkcukacha zebhanki ezifunekayo ezize (oko kukuthi, Inombolo yebhanki kunye nesalathisi) ziyabonakaliswa kuzo zonke Inkcazo, li-Invoyisi, Izohlwayo kunye nezaziso ezikhutshwa nguMasipala wase-Overstrand.

Ezi nkcukacha zikwafumaneka kwiwebhusayithi yethu esemthethweni.Ukuba unayo nay-iphi imibuzo malunga neenkcukacha zebhanki yethu, nceda tsalela kule nombolo 028 313 8000 okanye uthumele kule imeyile ilandelayo: enquiries@overstrand.gov.za.

Ukulungiswa kweendlela

Nangona sizamkela limvula zobusika, kambe ziyakuphithikeza ukulungiswa kweendlela zikaMasipala wase-Overstrand, ndlela ezo zonakele umphezulu wazo.

Ingakumbi, izandyanda zeemvula kwezi veki zidlulileyo ebe zithe gqolo, ziwandisile amanani eendlela ezinemingxuma. Ngenxa yokuba kuyimfuneko ukuba le mingxunya kufuneka yome kuqala phambi kokuba ingcitywe ngokusisigxina, asinandlela yimbi ngaphandle ngokuyivala/gcwalisa sisebenzisa amatye egrabile (to fill them with grave) I njengendlela yethutyana de imo yezulu ibe bhetele. Siyangxengxeza ngokuphatheka kakubi ngenxa yale meko yaye sikhuthaza bonke abaqhubi ukuba banonophele ngakumbi xa beqhuba phantsi kweemeko ezimbi zemo yezulu.

Ixabiso lobuhlali emva kweyure yenkonzo yomsebenzi

Kwixa elizayo, Ixabiso lobuhlali emva kweyure yenkonzo yomsebenzi(after-hour rate) liya kusetyenziswa kuuphela xa umsebenzisi-nkonzo (efuna ukuzuza iinkonzo emva kwentsimbi ye-15:00 phakathi evekini, okanye nangaliphi Ixesha elingaphandle kwiiyure yomsebenzi, Ingakumbi xa enyanzelisa ukuba makabonelelwe ngeenkonzo kwangolo suku, ngokufana xa ukuxakeka. Isicelo sokuzuza iinkonzo sinokwenziwa nangaliphi ixesha ngokuthi ucofe kule app: Collaborator Citizen App, ngoku eyahlula phakathi kweendidi ezimbini zeenkonzo zamatanki:

- **Ngamaxesha omsebenzi** (ixesha elithathwayo ukugqibezela umsebenzi: lintsuku ezintathu)
- **Ixesha likaXakeka** (Ixesha elithathwayo ukugqibezela umsebenzi ziyure ezingama- 24) Enye indlela, thumela i-imeyile kule dilesi: enquiries@overstrand.gov.za okanye utsalele umnxeba kule nombolo: 028 313 8111.